



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIXHOSA HOME LANGUAGE LESSON PLAN EXEMPLARS

GRADE 2
TERM 4

2000



Province of the
EASTERN CAPE
DEPARTMENT OF EDUCATION
CURRICULUM SECTION

NOTE TO SCHOOL MANAGEMENT TEAMS AND TEACHERS IN THE FOUNDATION PHASE

The exemplar Literacy Lesson Plans for **Grade 1 teachers** had been developed by the Provincial and District Foundation Phase Curriculum Advisors and Foundation Phase teachers as well. This is intended to support teachers in the Planning, Teaching and Assessment process for Term 4.

The contents include the 3 Learning Programmes (Literacy, Life Skills and Numeracy) in an integrated, flexible and very user friendly manner. The lesson plans provide specific content and context which should guide the teacher in the planning process.

We trust that these support materials will provide the necessary clarity and guidance for teachers to manage the NCS implementation process successfully and confidently.

It is the responsibility of the School Management Team to monitor and support teachers in the use of these resources. The teachers are responsible for using these resources to manage the Planning, Teaching and Assessment process successfully in the classroom. These are **exemplars** that are aligned to National Policies and prescripts and teachers are encouraged to use and adapt these lessons to suit the needs and context of the learners and the school.

If schools need more clarity and guidance on the use of these Resource Materials the District and Provincial Offices can be contacted.

We trust that every school will now be better equipped to improve learner performance in the Foundation Phase.

Yours in Quality Education

Dr T Reddy

CES: ECD/Foundation Phase: Head Office: Zwelitsha

INTRODUCTION

The Eastern Cape Department of Education, Curriculum Chief Directorate in collaboration with the District Curriculum Advisors developed this document to support teachers in planning for teaching, learning and assessment for effective implementation of the National Curriculum Statement (NCS) and the Foundations for Learning (FFL) in the Foundation Phase

The Home Languages, Afrikaans, English, IsiXhosa and SeSotho deal with the holistic development of the child, socially, emotionally, personally and physically. Language is of utmost importance in learners lives. It is the means of communication and conversation. No Learning Area (LA) can be taught without the use of language. So it is necessary for learners to master all aspects of language usage. This includes the ability to talk clearly, fluently and to express themselves without ambiguities; to listen with ease and understanding and to express clearly their thoughts **orally** and in **writing**. It also includes the ability to the **Listening, Speaking, Reading and Writing** in order to enrich their own lives and the lives of others.

This document serves to assist teachers to pace teaching, learning and assessment in Afrikaans, English, IsiXhosa and SeSotho Home Languages for Grades 1- 3, starting from Grade R in IsiXhosa and English First Additional Language (FAL) for Grade 3. A Work Schedule for term 4 has been developed in Learner Attainment Targets (LAT) documents. Integration of Assessment Standards has been done for the teachers. Planning accommodates Formal Assessment Tasks (FATs) and Learner Attainment Targets (LAT) as indicated in the Afrikaans, English, IsiXhosa, SeSotho Home Languages and First Additional Language (FAL) LAT documents available in all the Foundation Phase schools. Lesson plan exemplars can be adapted and refined so that they meet the needs and the context of the learner. The resources that are indicated are a guide. Teachers are at liberty to use other relevant material. The contact time for Literacy Learning Programme is 1 hour 50 minutes **daily** for **Grade 1**(10mins for FAL), 1hr 50mins for **Grade 2** (20 mins for FAL) 2hours for **Grade 3** (30 mins for FAL). 5 hours 15 minutes **weekly** for the learners and 7 hours weekly for the teachers (1 hr 45 mins for preparations) according to FFL. All the aspects of Literacy have separate time on daily basis, for example **Drop All and Read** for 30 minutes. This time allocation for Literacy must be adhered to.



UYILO LWESIFUNDO 1

IBANGA 2

IYURE NGEMINI:1 IYURE,50 IMIZUZU

IXESHA LILONKE:18 IYURE,20 IMIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO.....UMHLA EKUGQITYWE NGAWO.....INANI LEENTSUKU:10

UMXHOLO WESIFUNDO: UNGCOLISEKO

ISIHLOKO SESIFUNDO: UNGCOLISEKO ESIKOLWENI NASEKUHLALANI

IKOTA:4

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 1:UKUMAMELA</p> <p>GH 3:Mamela ngolonwabo amabali amafutshane,imibongo,iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kumamela isihloko okanye ingcinga engundoqo: • Kumamela iinkcukacha: 	<p><u>Kwesi Sifundo</u></p> <p>PF 2: <u>Ukuthetha</u></p> <p>GH 2:Sebenzisa ulwazi lwentelekelelo ukozonwabisa neengcinga ezimnandi(ukubalisa iziqhulo,ukudlala imidlalo yamagama,ukuyila imihobe,ukuyila awakho amagama.</p> <p>GH 3: Yila nokubalisa ibali elilula elinesiqalo,isiq</p>	<p><u>Umsebenzi1</u></p> <p>Abafundi banikwa imifanekiso eyahlukeneyo engongcoliseko</p> <p>Ngababini bancokola ngezinto ezidala ungcoliseko</p> <p>Baxoxa ngeendlela abangagcina ummandla wabo ucocekile neengcebiso abangazenzayo kubanye abantu.</p>

<ul style="list-style-type: none"> • Kuqikelela okunokwenzeka:[UMSEBENZI WOHLLOLO1 &3] • Kwazisa ukulandelelana kweziganeko\iingcinga kwisicatshulwa: • Uphendula imibuzo malunga nesicatshulwa: • Kuvakalisa uvakalelo malunga nesicatshulwa somlomo ngokunika izizathu: • Kusebenza intsusa nesiphumo kwisicatshulwa somlomo <p>GH :4:Mamela bonwabele ooqashi-qashi neziqhulo nokuphendula ngokufanelekileyo.</p> <p>GH :5:Mamela kwisithethi abangasiboniyo (umz:kwifowuni) nokuphendula imibuzo nemiyalelo.</p>	<p>nesiphelo esebenzisa ulwimi oluchazayo nokuphepha uphinda-phindo.</p> <p>GH 4.4:Thatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi neyeqela ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kucebisa nokwandisa iingcinga • Kubonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye. <p>PF 3:Ukufunda nokubukela</p> <p>GH 1.1:Sebenzisa izikhokelo zokubonwayo ukuphuhlisa intsingiselo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kuqikelela kuqweqwe lwencwadi ukuba bacinga ukuba ibali lingantoni <p>GH 2 :Kuvakalisa impendulo yakhe kwimifanekiso eshicelelweyo,neyezixhobo zosasazo.</p> <p>GH 3: Phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kuzifundela ibali okanye balifunde notitshala kwaye 	<p>Abafundi banika ingxelo ngabakuxoxileyo.</p> <p><u>Umsebenzi 2</u></p> <p>Utitshala uchonga amagama amatsha awabhale konotsheluzo aze awafunde nabafundi.</p> <p>Utitshala ufunda ibali elingongcoliseko abafundi bemamele iinkcukacha zebali nokulandelelana kwazo.</p> <p>Utitshala xa ebalisa umana ukunqumama abafundi bona baqikelele okuzakwenzeka kwimihlathi elandelayo nesiphelo sebali.</p> <p>Abafundi babuzwa imibuzo ngeenkcukacha zebali.</p> <p><u>Umsebenzi 3</u></p> <p>Utitshala unika abafundi umsebenzi okwithebhuli elandelayo ze abafundi bachaze indlela abangacoca ngayo.Umz:</p> <table border="1" data-bbox="1384 1209 1841 1343"> <tr> <td>Izinto ezingcolisa</td> <td>Indlela yokucoca</td> </tr> </table>	Izinto ezingcolisa	Indlela yokucoca
Izinto ezingcolisa	Indlela yokucoca			

	<ul style="list-style-type: none"> ➤ Kuchazwe ingcinga eyintloko ➤ Kuchongwe izizathu neziphumo (kutheni into isenzeka ebalini) ➤ Kuvakalisa ukuba bayalithanda ibali okanye hayi okanye bazathuze. <p>PF 4:Ukubhala</p> <p>GH3,5:Yila umsebenzi ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kwenza amabali alula lingcaciso yamava akhejiziganeko ❖ Ukubhala isihloko esiphuhlisa umxholo ❖ Kwenza imihobe neengoma; <p>GH 7,4:Bhala ukuze abanye baqonde ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezakhi zegrama nothungelwano lokubhala ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kusebenzisa izimbo zokubalisa(kudaladala,phela-phela ngantsomi); 	<table border="1" data-bbox="1370 228 1836 391"> <tr> <td data-bbox="1370 228 1612 311">ummandla</td> <td data-bbox="1612 228 1836 311"></td> </tr> <tr> <td data-bbox="1370 311 1612 391"></td> <td data-bbox="1612 311 1836 391"></td> </tr> </table> <p><u>Umsebenzi 4</u></p> <p>Abafundi banikwa ithuba lokuba bayokwenza uphando ngeendidi zezinto ezenza ungcoliseko nendlela abangakhusela ngayo indalo.</p> <p>Abafundi benza ingxelo ngokwamaqela ngokwezinto abazifumeneyo, utitshala ongeze apho kuyimfuneko</p> <p><u>Umsebenzi 5</u></p> <p>Abafundi bachaza iindidi zeendlela zonxubelelwano</p> <p>Umz:iimfonomfono, iiselula</p> <p>Abafundi badlala umdlalo wodliwano-ndlebe ngababini bethetha ngokhuseleko nococeko lwendalo.</p> <p><u>Umsebenzi 6:</u></p>	ummandla			
ummandla						

	<p>PF 5:<u>Ukucinga nokuqiga</u></p> <p>GH 2,1:Sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqiqeni nakwingqiqo,U mz:kwintsusa nesiphumo,ulandelelwano; <p>GH 3.2:Sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononongeni ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kusebenzisa ulwazi malunga nemvelaphi yesicatshulwa ukukhetha izixhobo ezisemxholweni kwaye akwazi ukunika izizathu zokhetho. <p>GH 5: Lungisa ulwazi ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kukhetha ulwazi kwisicatshulwa nokulungisa. <p>PF 6:<u>Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi</u></p> <p>GH 4,1:Sebenza ngezicatshulwa ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kulandelelanisa isicatshulwa ngokusebenzisa amagama afana:kwaze 	<p>Utitshala makenze amaqhina angongcoliseko.</p> <p>Umz: Rayi rayi ndinamanzi am akaseleki agqunywe yingubo eluhlaza.</p> <p><u>.Umsebenzi 7;</u></p> <p>Abafundi babhala imihlathi emifutshane ngongcoliseko kwingingqi yabo bevakalisa izimvo neengcebiso abangazinikayo kuluntu jikelele.</p> <p>Bakhuphela amagama amatsha abawafundileyo kwiibanki yamagama nakwizichazi-magama zabo.</p>
--	--	--

	<p>xa bebalisa;</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kudibanisa izivakalisi ukwenza imihlathi. ❖ Kuchonga iimpawu zeentlobo zezicatshulwa ezahlukuneyo(Umz:ibali,imiyalelo). <p><u>Kwezinye Izifundo</u></p> <p><u>Inzululwazi ngezentlalo(EzeMbali)</u></p> <p>PF 1:Ukuphanda ngezeMbali.</p> <p>GH2: Phendula imibuzo elula malunga namabali akudala {ukuphendula imibuzo}</p> <p>GH 1:Fumana ulwazi lwemithombo yembali enikwe ngutitshala(umz:imifanekiso,iifoto,izinto,abantu)[u kusebenza ngemithombo]</p> <p>PF 2:<u>Inggqo nolwazi lwembali.</u></p> <p>GH 1:Qonda umahluko phakathi kwexesha eladlulayo nelangoku,ngoko</p>	
--	--	--

	<p>nangoku(ukulandelelana nexesha)</p> <p><u>PF 3: Ukutolika ezeMbali</u></p> <p>GH 2: Qalisa ukwahlula phakathi kweengcinga ezimnandi nenyano(ukutolika imithombo)</p> <p><u>IJOGRAFI</u></p> <p>PF 3: <u>Ukuhlola imibandela</u></p> <p>GH 2: Chaza iimeko ezikhokelela kwingxaki okanye umbandela(iimeko eziphembelela umbandela)</p> <p><u>Inzululwazi ngezobugqi</u></p> <p>PF 1: Uphando ngezozululwazi</p> <p>GH 2: Enza: ukuthabatha inxaxheba kumsebenzi ocwangcisiweyo ezithethela okanye njengenxenywe yeqela.</p> <p>Impumelelo ingqinwa xa umfundi enoku-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Dlala indima kwiqela nokulandelela imiyalelo 	
--	---	--

	<p>❖ Cacisa obekusenziwa nokuphendula umbuzo, uzama ukufumana ntoni?</p> <p><u>Ubugcisa nenkcubeko</u></p> <p>PF 2: <u>Ukubonakalisa</u></p> <p>Dlala</p> <p>GH 1: Ukuvakalisa nokuchaza iimvakalelo ukuphendula ibali okanye isiganeko</p> <p>PF 4: <u>Ukuzivakalisa nonxibelelana</u></p> <p>Dityaniswa</p> <p>Ukuthetha ngento umfundi ayibonileyo nayivileyo ngokwakhe kummandiq ebalulekileyo kuye.</p> <p>kwibali neengcamango zabo.</p> <p>PF 3: <u>Ukuthabatha inxaxheba nentsebenziswano</u></p> <p>Dityaniswa:</p> <p>GH 1: Ukumamela nokwabelana ngamava eenkcubeko ezahlukeneyo nezifanayo.</p>	
--	--	--

<p>IMISEBENZI YOHLLOLO:</p> <p>Ezomlomo</p> <p>Ukwenza kulinganiswa</p> <p>Ukubhala</p> <p>INDLELA YOHLLOLO:</p> <p>Utitshala</p> <p>Abafundi</p> <p>Amaqela</p> <p>IZIXHOBO ZOHLLOLO:</p> <p>isikali solinganiso</p> <p>Itshekhilisti</p>	<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA:</p> <p>Incwadi yebali</p> <p>Oonotsheluza</p> <p>limfonomfono</p> <p>lincwadi zabafundi</p> <p>Ibhangi yamagama</p> <p>Izichazi-magama zabafundi</p> <p>Imifanekiso/itshati</p>	
<p>IZITHINTELO ZOKUFUNDA:</p>		
<p>OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA:</p>		

UYILO LWESIFUNDO 2

IBANGA 2

IYURE NGEMINI:1 IYURE,50 IMIZUZU

IXESHA LILONKE:18 IYURE,20 IMIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO.....UMHLA EKUGQITYWE NGAWO.....INANI LEENTSUKU:10

UMXHOLO WESIFUNDO: AMAGUGU ESIZWE (HERITAGE) ISIHLOKO SESIFUNDO: IMIDLALO

IKOTA: 4

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 2:UKUTHETHA</p> <p>GH 6: Sebenzisa ulwimi olufanelekileyo kwiinjongo ezahlukeneyo (ukuxolisa, ukumema) nakubantu abahlukeneyo (udliwano-ndlebe nabantu nokulinganisa .FAT 1&3</p> <p>GH 7: Sebenzisa umthamo nomgangatho welizwi owahlukileyo (ukuthetha kwibala lemidlalo, ukuthetha neqela elincinane)FAT 1&3</p>	<p>KWESI SIFUNDO</p> <p>PF 1:UKUMAMELA</p> <p>GH 2: Bonisa ubuchule bokumamela ngokuthi amamele ngaphandle kokuphazamisa, ebonisa imbeko kwisithethi, aze anike abanye amathuba okuthetha, ebuza imibuzo ecela ingcaciso okanye eshwankathela okanye bephawula kwinto</p>	<p><u>Umsebenzi 1</u></p> <ul style="list-style-type: none"> • Utitshala uza neendidi zebhola eklasini okanye nemifanekiso yazo. • Abafundi bacula amaculo aculwa xa kudlalwa ibhola umz: shosholoza, njl njl. • Abantwana baxoxa ngazo bechaza ukuba zisetyenziswa kweyiphi na imidlalo njani • Bancokola ngemidlalo neendlela edlalwa ngayo. • Abafundi baxela abadlali ababathandayo benika izizathu ezibangela ukuba babathande.

	<p>eviweyo xa kufanelekileyo.</p> <p>PF 4: UKUBHALA</p> <p>GH 7.1: Bhala ukuze abanye baqonde ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezakhi zegrama nothungelwano lokubhala ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kusebenzisa isakhelo sokubhala esakhelwe iintlobo zezivakalisi neempawu zezicatshulwa (umz:imihobe emifutshane, izicatshulwa zamacwecwe) <p>PF 5:UKUCINGA NOKUQIQA</p> <p>GH 2.3:Sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqineni ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kuchonga iimfano neeyantlukwano; <p>GH 2.5:Kuthelekisa izinto</p> <p>PF 6:UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</p> <p>GH 5.1:Sebenzisa ulwimi kwintsebenziswano</p>	<p><u>Umsebenzi 2</u></p> <ul style="list-style-type: none"> • Utitshala ubanika ipowusta enemidlalo eyahlukeneyo,baxoxa ngabadlali ababathandayo nokuba badlalela awaphi amaqela. • Utitshala ubhala amagama emidlalo ebhodini ukuze abantwana batshatise igama nomdlali, umz: Iqakamba- Makaya Ntini njl-njl <p><u>Umsebenzi 3</u></p> <p>Umfundi omnye ufundela iklasi isicengcelezo.Abanye bamamela baze baphendule imibuzo bakugqiba.</p> <p>Ukudlala</p> <p>Khawuze wethu sidlale, Ndidiniwe mna ndiyasindwa, Kukubeleka olu sana.</p> <p>Ewe ntanga lulalise, Lolila libuye lithule,</p>
--	---	--

	<p>ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ❖ Kusebenzisa ulwimi lwentlalo oluvakalisa imbeko (umz:ukwenza izicelo eziphucukileyo) <p>KWEZINYE ZIFUNDO</p> <p>UBUGCISA NENKCUBEKO</p> <p>PF 2:UKUBONAKALISA</p> <p>CULA</p> <p>GH 1:Ukuchonga nokucula iingoma kwiimeko ezahlukeneyo nokuthetha ngazo(iingoma zemidlalo okanye iingoma neentshukumo)</p> <p>PF 3: UKUTHABATHA INXAXHEBA NENTSEBENZISWANO</p> <p>DITYANISWA</p> <p>GH 2: Ukubonisa ukuziphatha kwababukeli okufanelekileyo ngexesha lokulinganisa nelemibuliso.</p>	<p>Yiza nentambo sidlale, Sitsiba –tsibe sithi, Siyakoma nini na, Ngoms'omnye.</p> <p>Abafundi baxoxa ngentsusa nesiphumo sesicengcelezo</p> <p><u>Umsebenzi 4</u></p> <p>Abafundi baya kwikona yeencwadi.Ngababini bakhetha imagazini equlathe uhlobo lomdlalo abawuthandayo baze bafunde banzi ngawo.</p> <p>Babhala izivakalisi ezihlanu ngohlobo lomdlalo abathe bafunda ngawo kwimagazini abayifundileyo.</p> <p><u>Umsebenzi 5</u></p> <p>Abafundi bayokwenza uphando ngemidlalo efumaneka esikolweni sabo.Abafundi balinganisa ukusasazwa kwemidlalo abayithandayo beveza izakhono zabo</p>
--	--	--

IMATHEMATIKA

PF 5: UKUSEBENZA NGOLWAZI

GH 2: Hlela izinto ngophawu okanye iimpawu olukhethwe ngutitshala.

ISIFUNDO NGEZOBOM

PF 4:UKWAKHA INKANGELEKO

NENTSHUKUMO

GH 1: Thabatha inxaxheba kwimidlalo yangaphandle yabantu ngemithetho elula ngabanye ngabanye nangamaqela

IMISEBENZI YOHLLOLO: Ukubhala Ezomlomo Ukudlala/ukulinganisa INDLELA YOHLLOLO: Utitshala Abafundi Amaqela IZIXHOBO ZOHLLOLO: Irubriki	IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA: lintlobo zebhola Ipowusta Iimagazini Isicatshulwa Iincwadi zokubhala Oonotsheluzi Isicengcelezo esibhaliweyo	
IZITHINTELO ZOKUFUNDA:		
OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA:		

UYILO LWESIFUNDO 3

IBANGA 2

IYURE NGEMINI:1 IYURE,50 IMIZUZU

IXESHA LILONKE: 18 IYURE,20 IMIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO.....UMHLA EKUGQITYWE NGAWO.....INANI LEENTSUKU:10

UMXHOLO WESIFUNDO: MNA NELIZWE LAM

ISIHLOKO SESIFUNDO: EKHLELENI

IKOTA 4

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 3:UKUFUNDA NOKUBUKELA</p> <p>GH 4: Nakana aze anike intsingiselo yoonobumba namagama kwizicatshulwa ezidana ngo-</p> <ul style="list-style-type: none">• Kufunda ngesantya esikhulayo ekuzifundeleni izicatshulwa;• Kufunda ngokuvakalayo kwaye esebenzisa ucinezelo nokubiza amagama ngokufanelekileyo;• Kusebenzisa izandi nolunye unakano	<p>KWESI SIFUNDO</p> <p>PF 1:Ukumamela</p> <p>GH 3:Mamela ngolonwabo amabali amafutshane,imibongo,iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none">○ Kumamela isihloko okante ingcinga engundoqo;○ Kuvakalisa uvakalelo malunga nesicatshulwa somlomo ngokunika izizathu;○ Kusebenza intsusa nesiphumo kwisicatshulwa somlomo.	<p><u>Umsebenzi 1</u></p> <p>Utitshala ubalisa ibali lomntwana owayekhumbula abazala bakhe owayebashiye eBhofolo ngoku ufuna ukubabhalela.Umama wakhe umxelela ukuba kufuneka aqiniseke ngazo zonke izandi azifundileyo umz:a, b c njl njl.</p> <p>Utitshala usebenzise itshati enezandi ezingonontathu onone nonontlanu kunye namagama axela imizobo leyo.</p>

<p>Iwagama nobuchule bengqiqo njengezandi, izakhelo zemeko nokwenza uqikelelo ukwenzela ukwenza intsingiselo yesicatshulwa; FAT 2&4</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kusebenzisa iindlela zokuzirekodisha njengokuphinda ufunde, nqumama, ziqhelise amagama phambi kokuba awabize. 	<p>PF 4: Ukubhala</p> <p>GH 6: Enza isigama sabo aze aqalise ukupela amagama ukuze kube nokufundwa kuqondwe ngabanye ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo; ○ Kuzama ukupela amagama angaqhelekanga ngokusekeke kwizandi umfuniselo ngopelo; ○ Kwenza ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe; ○ Kusebenzisa isichazi-magama; ○ Kukhangela upelo kunye nentsingiselo yamagama. 	<p>umz:umfanekiso isandi</p>
<p>GH 5: Khulisa ingqiqo yezandi ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kunakana ukuba izikhamiso zingalandelelana kwamanye amagama Umz: iinkomo; FAT 2&4 	<p>GH 7: Bhala ukuze abanye baqonde ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezakhi zegama nothungelwano lokubhala ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kufunisela ngezinye iziphumlisi ezifana nophawu lwesikhuzo kunye/okanye uphawu lwemibuzo 	<p>intshontsho</p>
<ul style="list-style-type: none"> • Kunakana ukuba isandi esinye singanamaqabane amabini “eph”, “sh”; • Kunakana amaqabane amabini namathathu axutyiweyo “mnt”, “tsh”; • Kunakana iqela lamagama abonwa njalo. 	<p>PF 5: Ukucinga nokuqqa</p> <p>GH 2: Sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kusebenzisa ukucinga okukwinqanaba eliphezulu 	<p><u>Umsebenzi 2</u></p> <p>Utitshala ubalisa ibalana eliza kuhambelana nezandi ezo azakuzifundisa loo mini.</p> <p>Banikwa iimagazini ze basike imifanekiso ebonisa izandi</p>

<p>GH 6: Fundela ulwazi nolonwabo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kufunda iincwadi zemifanekiso namabali alula akhethwe nguye: ○ Kubonisa ukuxabiseka kwamabali kwiinkcubeko ezahlukeneyo: ○ Kuqala ukusebenzisa isichazi-magama ukujonga upelo nentsingiselo yamagama: ○ Kufunda izicatshulwa ezininzi ukuzonwabisa (umz: iimagazini, iincwad i eziyinyaniso ezihlekisayo). 	<p>nolwimi olubandanyeka kuzo, umzekelo: ukuthelekelela, ukusebenzisa ulwazi, ukuvavanya (Ndicinga, Ndimangaliswa njl njl);</p> <p>PF 6: Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi</p> <p>GH 1: Nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kusebenzisa izandi ukupela amagama angaqhelekanga <p>GH 2: Sebenza ngamagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kupela amagama aqhelekileyo; ○ Kusebenzisa isichazi-magama ukuqinisekisa upelo; ○ Kuchonga izichasi nezifanokuthi <p>PF 3: Sebenzisa ngezivakalisi ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kusebenzisa iintlobo zezicatshulwa ezahlukeneyo <p>GH 4: Sebenza ngezicatshulwa ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kuchonga iimpawu zeentlobo zezicatshulwa ezahlukeneyo (umz: ibali, imiyalelo) <p>KWEZINYE ZIFUNDO</p> <p>INZULULWAZI NGEZOQOQOSHO NOLAWULO</p>	<p>ezithathu, ezine nezintlanu.</p> <p>Banikwa ithuba lokuthiya imifanekiso yabo ngezandi ezo. Umz: shw- ishwabene, ntsh-intshontsho, ntshw-intshwenyile njl njl.</p> <p><u>Umsebenzi 3</u></p> <p>Bazikhethela iincwadi zemifanekiso namabali alula zokufunda.</p> <p>Basebenzisa izichazi-magama bejonga upelo nentsingiselo yamagama.</p> <p>Bafunda izicatshulwa zokuzonwabisa.</p> <p>Utitshala ujonganga ukufunda ngokukhululekileyo, uqhawulo magama, iziphumlisi, iikoma njl njl</p> <p><u>Umsebenzi 4</u></p> <p>Abafundi bafakela izandi ezishiyiweyo kula magama alandelayo. Umz:</p>
--	---	--

	<p>PF 1:Umjikelezo woqoqosho</p> <p>GH 3:Funda ukuchonga amaxabiso kwiintlobo ezahlukeneyo zeelebhile.</p> <p>INZULULWAZI NGEZENTLALO</p> <p>PF1:Ukuphanda ngezembali</p> <p>GH 1:Fumana ulwazi lwemithombo yembali enikwe ngutitshala(umz:imifanekiso,iifoto,izinto,abantu)[ukusebenza ngemithombo]</p> <p>ISIFUNDO NGEZOBOM</p> <p>PF 4:Ukwakha inkangeleko nentshukumo</p> <p>GH 3:Enza iintshukumo ezibonakalayo okanye iipatheni ngesingqi esebenzisa izivuseleli ezahlukeneyo.</p> <p>UBUGCISA NENKCUBEKO</p> <p>PF 2:Ukubonakalisa</p>	<p>i----ukumo njl njl</p> <p>Utitshala ukhetha umhlathi abizele abafundi ukuqinisekisa ukuba bayakwazi ukupela,ukuqaphela iziphumlisi njl njl</p> <p>Abafundi babhala amagama amatsha nangaqhelekanga kwibhanki yamagama nakwizichazi-magama zabo</p>
--	--	---

	<p>Dlala</p> <p>GH 1:Ukuvakalisa nokuchaza iimvakalelo ukuphendula ibali okanye isiganeko.</p>	
<p>IMISEBENZI YOHLLOLO:</p> <p>Ezomlomo</p> <p>Ukubhala</p> <p>INDLELA YOHLLOLO:</p> <p>Utitshala</p> <p>Abafundi</p> <p>Amaqela</p> <p>IZIXHOBO ZOHLLOLO:</p> <p>Irubhrikhi</p> <p>Isikali solinganiso</p>	<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDA:</p> <p>Ibali/isicatshulwa</p> <p>Oonotsheluzo</p> <p>Iincwadi zokubhala</p> <p>Iincwadi zokufunda</p> <p>Umfanekiso</p> <p>Isichazi-magama</p> <p>Ibhanki yamagama</p> <p>Itshati yezandi</p>	
<p>IZITHINTELO:</p>		

OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA:	
------------------------------------	--

UYILO LWESIFUNDO 4

IBANGA 2

IYURE NGEMINI:1 IYURE,50 IMIZUZU

IXESHA LILONKE: 18 IYURE,20 IMIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO.....UMHLA EKUGQITYWE NGAWO.....

INANI LEENTSUKU:10

UMXHOLO WESIFUNDO: EZENKCUBEKO

ISIHLOKO SESIFUNDO: INTLALO

IKOTA: 4

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
--	---------------------	---

<p>PF 4:UKUBHALA</p> <p>GH 6: Enza isigama sabo aze aqalise ukupela amagama ukuze kube nokufundwa kuqondwe ngabanye ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kwenza umfuniselo/ilinge ○ Ngamagama afunyanwa kumava womsebenzi ○ Kupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo; Umsebenzi wohlolo 2 & 4 ○ Kwandisa ukusetyenziswa koomabizwafane ngokufanelekileyo (sinda/sinda ingqina/ingqina); ○ Kuzama ukupela amagama angaqhelekanga ngokusekeke kwizandi umfuniselo ngopelo; Umsebenzi wohlolo 2 & 4 ○ Kwenza ibhanki yamagama nesichazi-magama sakho; ○ Kusebenzisa isichazi-magama ; ○ Kukhangela upelo kunye 	<p><i>KWESI SIFUNDO</i></p> <p>PF 1: UKUMAMELA</p> <p>GH 3: mamela ngolonwabo amabali amafutshane, imibongo, iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kumamela iinkcukacha ○ Kwazisa ukulandelelana kweziganeko/iingcinga kwisicatshulwa <p>PF 3: Ukufunda nokubukela</p> <p>GH 4.2 Nakana aze anike intsingiselo yoonobumba namagama kwizicatshulwa ezidana ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kusebenzisa izandi nolunye unakano lwamagama nobuchule bengqiqo njengezandi, izakhelo zemeko nokwenza uqikelelo ukwenzela ukwenza intsingiselo yesicatshulwa <p>PF 6: Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi</p> <p>GH 1: nxulumanisa izandi koonobumba</p>	<p><u>Umsebenzi 1</u></p> <p>Abafundi bafunda umhlathi abawunikiweyo aze utitshala akhethe amagama anezandi eziqhelekileyo nezingaqhelekanga ezingonone nonontlanu bawafunde bawapele ngokufanelekileyo</p> <p>Abafundi babizelwa amagama abawafundileyo bebhala ezincwadini zabo.</p> <p>Abafundi badlala umdlalo webhodi yamaplanga okanye ubhingo umz: kuxutywa amagama akoonotsheluzi aze utitshala abize igama ukuze iqela elikhethe kuqala libize 'UBHINGO'</p> <p>Abafundi bakhangela beqinisekisa ukubhalwa neentsingiselo zamagama abawafundileyo kwizichazi magama zabo.</p> <p><u>Umsebenzi 2</u></p> <p>Abafundi banika amagama abo abizwa ngokufanayo kodwa engathethi into inye babhale kwincwadi zabo zomsebenzi, umz:</p>
---	---	--

<p>nentsingiselo yamagama</p> <p>GH 7: Bhala ukuze abanye baqonde ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezakhi zegrama nothungelwano lokubhala ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kusebenzisa isakhelo sokubhala esakhelwe iintlobo zezivakalisi neempawu zezicatshulwa (umz: imihobe emifutshane, izicatshulwa zamacwecwe; ○ Kusebenzisa iziphumlisi ezisisiseko ezifana noonobumba abakhulu ekuqaleni kwesivakalisi, izingxi ekupheleni; ○ Kufunisela ngezinye iziphumlisi ezifana nophawu lwesikhuzo kunye/ okanye uphawu lwemibuzo ○ Kusebenzisa izimbo zokubalisa (kudala-dala, phela-phela ngantsomi); ○ Kusebenzisa ulwazi lwegramama; ○ Kusebenzisa ezinye izakhiwo zezicatshulwa zolwazi ezifana 	<p>namagama ngokusebenzisa izandi ukupela amagama angaqhelekanga</p> <p>GH 3. 7.: Sebenza ngezivakalisi ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo uphawu lombuzo, ikoma <p>GH 3.8: Oonobumba abakhulu amagama eendawo (umz: eBhayi)</p> <p>GH 4.3: Kuchonga iimpawu zeentlobo zezicatshulwa ezahlukeneyo (umz: ibali, imiyalelo).</p> <p>KWEZINYE IZIFUNDO</p> <p>IMATHEMATIKA</p> <p>PF4: Umlinganiselo</p> <p>GH 6: Qikelela, ukulinganisa, ukuthelekisa nokulandelelanisa izinto ezingumlinganiselo wesithathu besebenzisa imilinganiselo engekho</p>	<p>umqolo obuhlungu. Umqolo wesikhwebu sombona</p> <p><u>Umsebenzi 3</u></p> <p>Abafundi banikwa umhlathi bawukhuphele ezincwadini zabo befakela oonobumba abakhulu nezingxi apho kufanelekileyo.</p> <p><u>Umsebenzi 4</u></p> <p>Abafundi banikwa okanye bakhetha isihloko babhale umhlathi besebenzisa isakhelo sokubhala abasifundiswe ngutitshala, umz: intsomi / ibali bebonakalisa indlela yokuqala neyokuphelo.</p> <p>Iqela ngalinye liguqulela ibali lalo kwixesha elizayo.</p> <p><u>Umsebenzi 5</u></p> <p>Kwincwadi yabo yokufunda bakhetha izinto abanokwenza ngazo irecipi abayikhethileyo</p>
--	--	--

<p>neeresipi.</p>	<p>sikweni nomgangatho:</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Umthamo(umz: amacephe.neekomityi <p>ITEKNOLOJI</p> <p>PF 1: Izakhono neenkqubo zeTeknoloji</p> <p>Yila ngo-</p> <p>GH 1: kukhetha izixhobo ezifanelekileyo okanye izinto zokwenza imveliso nokucebisa ezinye iindlela ezinokusetyenziswa ukwanelisa ingxaki, isidingo okanye ithuba</p>	<p>babhale kwiincwadi zabo zomsebenzi.</p>
<p>IMISEBENZI YOHLLOLO:</p> <p>Ezomlomo</p> <p>Ukubhala</p> <p>Ukwenza/ukulinganisa</p> <p>INDLELA ZOHLOLO:</p> <p>Utitshala</p>	<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA:</p> <p>Isicatshulwa/ibali</p> <p>Isakhelo sokubhala</p> <p>Onootsheluzo bamagama</p> <p>Incwadi zokufunda</p> <p>Ibhodi yamaplanga kabhingo</p>	

Amaqela Umfundi IZIXHOBO ZOHLOLO: Irubhrikhi, itshekhilisti, isikali sokulinganisa		
IZITHINTELO ZOKUFUNDA		
OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA		

UYILO LWESIFUNDO 5



IBANGA 2

IYURE NGEMINI:1 IYURE,50 IMIZUZU

IXESHA LILONKE: 18 IYURE,20 IMIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO.....

UMHLA EKUGQITYWE NGAWO.....

INANI LEENTSUKU:10

UMXHOLO WESIFUNDO: ILIZWE LETHU

ISIHLOKO SESIFUNDO: ULWIMI LWETHU

IKOTA: 4

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 6:UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</p> <p>GH 5: sebenzisa ulwimi kwintsebenziswano ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> o Kusebenzisa ulwimi lwentlalo oluvakalisa imbeko (umz: ukwenza izicelo eziphucukileyo); 	<p>KWESI SIFUNDO</p> <p>PF 2: Ukuthetha</p> <p>GH 6: sebenzisa ulwimi olifanelekileyo kwiinjongo ezahlukeneyo (ukuxolisa, ukumema) nakubantu abahlukeneyo (udliwano-ndlebe nabantu nokulinganisa.</p> <p>PF 3:Ukufunda nokubukela</p> <p>GH 6: fundela ulwazi nolonwabo ngo-</p>	<p><u>Umsebenzi 1</u></p> <p>Utitshala nabafundi bavuma umhobe wesizwe</p> <p><i>Nkosi sikelel'iAfrika</i></p> <p><i>Maluphakanyisw'uphondo lwayo</i></p> <p><i>Yiva imithandazo yethu</i></p> <p><i>Nkosi sikelela, thina lusapho lwayo</i></p>

<p>o Kuguqula imvakalozwi ngokwenjongo FAT 4</p> <p>GH6: phuhlisa ingqiqo yolwimi enzulu ngo- Kuxoxa ngamagama asoloko esetyenziswa ukuchaza amakhwenkwe namantombazana (amandla, ubuhle). Kuxoxa iimpembelelo zezi nkcazelo nokuba olu lwimi lumele ukusetyenziswa nokuba lungasetyenziswa.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Kufunda iincwadi zemifanekiso namabali alula akhethwe nguye • Kubonisa ukuxabiseka kwamabali kwiinkcubeko ezahlikeneyo • Kuqala ukusebenzisa isichazi-magama ukujonga upelo nentsingiselo yamagama • Kufunda izicatshulwa ezininzi ukuzonwabisa (umz: iimagazini, iincwadi eziyinyaniso ezihlekisayo). <p>PF4: Ukubhala</p> <p>GH3: yila umsebenzi ngo- Kubhalela iinjongo ezahlukeneyo izicatshulwa ezahlukeneyo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kwenza izicatshulwa ezilula ezibonisayo njengamacwecwe okubulela neeleta <p>GH7: bhala ukuze abanye baqonde ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezakhi zegrama nothungelwano lokubhala ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kusebenzisa isakhelo sokubhala 	<p><i>Morena boloka</i></p> <p><i>Setjaba saheso</i></p> <p><i>Ofedise dintwa lematswenyeho</i></p> <p><i>O se boloke</i></p> <p><i>Setjaba saheso</i></p> <p><i>Setjaba sa South Afica.</i></p> <p><i>Uit di blou van onse hemel</i></p> <p><i>Uit die diepte van ons see</i></p> <p><i>Oor ons ewige gebergtes</i></p> <p><i>Waar die kranse antwoord gee</i></p> <p><i>Sounds the call to come together</i></p> <p><i>And united we shall stand</i></p> <p><i>Let us live and strive for freedom</i></p> <p><i>In South Africa, our land.</i></p>
--	---	--

	<p>esakhelwe iintlobo zezivakalisi neempawu zezicatshulwa (umz: imihobe emifutshane, izicatshulwa zamacwecwe)</p> <p>PF5: Ukucinga nokuqiqa</p> <p>GH 3: sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononogeni ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kubuza imibuzo nokufuna ingcaciso, anike izisombululo nezinye iindlela zokusombulula <p>GH 4: sebenzisa ubuchule obulula bokufumana nokurekhodisha ulwazi (umz: uphando kwithala leencwadi encedwa ngumntu omdala okanye umfundi omdala)</p> <p>KWEZINYE IZIFUNDO</p> <p>IINZULULWAZI NGEZENTLALO</p> <p>PF1: Ukuphanda ngezeJografi</p> <p>GH1: qwalasela nokurekhodisha izinto ezenziwa ngabantu kwiindawo ezahlukeneyo (ukusebenza</p>	<p>Utitshala ubuza abafundi ukuba umhobe wesizwe uvunywa xa kutheni.</p> <p>Utitshala uchazela abafundi ngokufutshane imvelaphi nentsigiselo yomhobe wesizwe. (Umzekelo: umthandazo wabemi bonke boMzantsi afrika. Xa uvunywa kuboniswa imbeko nothando lweli lizwe).</p> <p>Utitshala ubuza kubafundi ukuba ibonakaliswa njani imbeko xa kuvunywa lo mhobe.</p> <p><u>Umsebenzi 2</u></p> <p>Utitshala unika abafundi ileta ebhalwe ngumntwana ebhalela umama wakhe:</p> <p>40 Kowie Street</p> <p>Komani Park</p> <p>Queenstown</p> <p>28 kweyeDwarha 2009.</p>
--	---	--

	<p>ngemithombo)</p> <p>MATHEMATIKA</p> <p>PF 2: Iphatheni, Imisebenzi, ne-Aljibra</p> <p>GH 5: chonga, ukuchaza nokukhuphela iiphatheni zeJometri kwizinto ezenziwe ngabantu, zobugqi nezenkcubeko kwiinkcubeko ezahlukeneyo namaxesha.</p> <p>ISIFUNDO NGEZOBOMI</p> <p>PF2: Ukuphuhlisa ezentlalo</p> <p>GH4: chonga ukuxabiseka nokuziphatha kwiinkcubeko ezahlukeneyo zaseMzantsi Afrika.</p> <p>UBUGCISA NENKCUBEKO</p> <p>PF2: Ukubonakalisa</p> <p>Dlala</p> <p>GH2.2: Ukwahlula phakathi kwabalinganiswa kwibali neengcamango zabo.</p>	<p>Mamandini ondihluphayo</p> <p>Kudala ndikucenga ndicela imali yesikolo kodwa wena awuphenduli. Kucacile ukuba awukhathali tu ngam. Namhlanje sinikwe iintsuku ezimbini kuphela ukuba iphelele imali yesikolo. Zama kangangoko unakho undithumelele loo mali.</p> <p>Umntwana wakho ongamkhathalelenga</p> <p>Nonzukiso</p> <p>Utitshala ufundela abafundi le leta ngendlela efanelekileyo.</p> <p>Kumaqela abo abafundi baxoxa ngendlela ebhalwe ngayo le ncwadi beqaphela</p>
--	---	---

	<p>Cula</p> <p>GH1: Ukuchonga nokucula iingoma kwiimeko ezahlukeneyo nokuthetha ngazo (iingoma zemidlalo okanye iingoma neentshukumo)</p>	<p>nemvakalozwi, nendlela eyamkelekileyo emele ukuba ibhalwe ngayo.</p> <p>Babhala onke amagama asetyenzisiweyo angamkelekanga.</p> <p>Baphinde babhale phantsi onke amagama afanelekileyo asetyenziswa ekuzithobeni nacela uxolo, bandule ukuyibhala ngendlela eyamkelekileyo. Iqela lonyula umfundi afunde ileta evakalisa imbeko eguqula imvakalozwi ngokwendlela ebonisa imvakalozwi.</p> <p><u>Umsebenzi 3</u></p> <p>Abafundi benza umboniso apho umfundi owone omnye acela uxolo.</p> <p>Utitshala ubhala imibhalo emibini ethi “THULA” no“THETHA” ayincamathisele kwizitulo ezibini. Abafundi ababini abaxabeneyo bayalelwa ukuba bahlale kwezi zitulo. Umfundi ohleli kwizitulo</p>
--	---	---

esino **"THULA"** kufuneka athule tu angathethi alindele ithuba lakhe lokuthetha.


Lowo uhleli kwisitulo esino **"THETHA"** uchaza unobangela wokuxakaniseka kwakhe achaze nokuba uziva njani na.

Bayatshintshana, obemamele athethe , obethetha amamele. Bayaqhubeka betshintshana bade baxolelane.

Utitshala ubuza imibuzo ebonisa ukuba bafunde ntoni abafundi, beziva njani emva kwalo mboniso.

Umsebenzi 4

Umfundi ngamnye uyalelwa ukuba abhale incwadi ecela uxolo kutitshala ngokuba ebengezanga esikolweni.



		<p><u>Umsebenzi 5</u></p> <p>Isibini sabafundi senza udliwano –ndlebe apho umfundi abonisa inltonipho xa athetha nomntu omdala kunaye</p> <p><u>Umsebenzi 6</u></p> <p>Abafundi benza isicengcgelezo:</p> <p>Ndiyintombazana andiyiyo inkwenkwe, Ndimhle ndifana nomama.</p> <p>Ndiyinzwakazi enconywa ubuhle ngabantu, Ndiyazidla ndizidla ngomama Ndinekratshi ndifuze umama.</p> <p>Ndiyinkwenkwe andiyiyo intombazana, Ndimhle ndifana notata.</p> <p>Ndiyinzwana enconywa ubuhle ngabantu, Ndiyabukwa, ndibukwa ekhaya.</p>
--	--	--

		<p>Utitshala uyalela abafundi ukuba bakhethe amagama abonisa umahluko phakathi kwenkwenkwe nentombazana kwesi sicengcelezo.</p> <p>umzekelo: inkwenkwe-intombazana</p> <p>Abafundi banikwa umsebenzi apho banika igama elisetyenziswayo ukwahlula amakhwenkwe kumantombazana babhale kwincwadi zabo zomsebenzi:</p> <p>Inkwenkwe-intombazana</p> <p>Inzwana-</p> <p>Inene-</p> <p>Inkosana-</p> <p>Umlisela-</p> <p>Abafundi bakugqiba ukubhala baxoxa ngamanye amagama adla ngokusetyenziswa afana nala: amaqobo, amaqobokazana, intyatyambo, ibhelukazi</p>
--	--	--

		<p>njl-njl.</p> <p>Ingaba la magama asetyenziswa kwiimeko ezitheni? Kwamkelekile na ukuba asetyenziswe?</p> <p>Abafundi babhala amagama amatsha abawafumeneyo kwizichazi-magama zabo.</p> <p><u>Umsebenzi 7</u></p> <p>Abafundi banikwa umsebenzi wokuphanda kwiincwadi ezinemifanekiso nezinamabali alula indlela asetyenziswa ngayo amagama achaza amakhwenkwe namantombazana. Basika imifanekiso ebonisa iimpahla ezahlukeneyo zamakhwenkwe ezinxitywa kwiziganeko ezahlukeneyo.</p> <p><u>Umsebenzi 8</u></p> <p>Abafundi bancamathelisa imifanekiso ebebeyisikile kumaphepha abawanikwe ngutitshala, bxhome imifanekiso yabo eludongeni, ukuze baxoxe ngeyantlukwano</p>
--	--	---

		phakathi kwezinxibo zamakhwenkwe nezamantombazana abazikhethileyo.
IMISEBENZI YOHOLOLO: Ukubhala Ezomlomo Ukudlala/ukulinganisa INDLELA YOHOLOLO: Utitshala Abafundi Amaqela IZIXHOBO ZOHOLOLO: Irubriki	IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA: Ipowusta yomhobe wesizwe Iimagazini Iincwadi zokubhala Oonotsheluza Isicengcelezo esibhaliweyo Isincamethelisi Izikere Amaphepha amakhulu	
IZITHINTELO ZOKUFUNDA:		
OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA:		

